# Udinga ukwazi ntoni?


## UKUPHONONONGWA KWERHASI NEOYILE NGU-SHELL E LWANDLE LWASE NORTHERN CAPE (NCUD)

## IFUMANE IMVUME YOKUSINGQONGILEYO

**Izibheno ziphela: 29 Julayi 2025**

### INDAWO YENTSINGISELO

**Indawo ekuthethwa ngayo iqala kwi-300km ngaphandle kolwandle ukusuka ePort Nolloth, yehla ecaleni kolwandle ukuya eStrandfontein. Le ndawo ingaphezulu kwe-5,254km$^2$, kwaye amanzi aphakathi kokuya kwi-2,500m ukuya kwi-3,200m ubunzulu.**




| ID | Latitude | Longitude |
|---|---|---|
| 1 | 30°17'10.6540" S | 14°00'00.0000" E |
| 2 | 31°40'30.0000" S | 14°00'00.0000" E |
| 3 | 31°40'30.0000" S | 13°47'10.0000" E |
| 4 | 31°26'14.5125" S | 13°47'10.0000" E |
| 5 | 31°26'14.5125" S | 13°37'30.0000" E |
| 6 | 31°12'20.5639" S | 13°37'28.6947" E |
| 7 | 31°12'20.5639" S | 13°32'25.0394" E |
| 8 | 30°49'50.2000" S | 13°24'16.6446" E |
| 9 | 30°39'39.1957" S | 13°21'00.0000" E |
| 10 | 30°33'45.5921" S | 13°33'51.0417" E |

Le map ibonisa 'iBlock NCUD' kwiPhondo laseMntla leMzantsi Afrika. Kwiphepha lesi-5 le 'Basic Scoping Report', elibhalwe nguSLR, lifumaneka apha: https://www.slrconsulting.com/afr/public-documents/shell-ncud/.

# KWENZEKE NTONI?

UMphathiswa wezeMbiwa nePetroleum (DMR) uye wamkela isicelo seShell sokumba eNCUD. Oku kuthetha ukuba urhulumente unikile imvume yokuba iShell kunye namaqabane ayo baqale umsebenzi wokugrumba phakathi ko-2026 no-2027.

Ingxelo ye-ESIA (Environmental and Social Impact Assessment) ibonisa ukuba kuza kugrumba imingxunya emibini yokuqala ngonyaka wokuqala, nezinye ezintathu ngonyaka wesibini.



# AMANYATHELO OKUFUMANA IMVUME

Step 1 **Ilungelo lokuPhanda (ER):** Lifunyanwa emva kokuba imvume yokusingqongileyo inikiwe.

Step 2 **Ingxelo ye-ESIA:** Ingxelo ebhaliweyo malunga nefuthe leprojekthi kwindalo noluntu, yenziwa yi-SLR Consulting.

Step 3 **Izimvo zoluntu:** Bonke abantu abachaphazelekayo banikwa ithuba lokunika izimvo zabo.

NgoDisemba 2024, i-EAP yapapasha ingxelo yokuqala ye-ESIA ukwazisa uluntu nabanye abanomdla malunga nezinto eziye zafunyanwa, kuquka: Iingozi ezibangelwa yiprojekthi; Amathuba anokuthi avuleke ngenxa yalo msebenzi Iimpembelelo ezinokubakho kwindalo nakuluntu Iindlela zokunciphisa ezo mpembelelo.


Step 4 **Imvume ye-EA:** DMR igqiba ngokusekelwe kwiingcebiso ze-PASA ukuba iyayinika okanye iyala imvume.

## IVUNYIWE:

Ngomhla we-30 kuJuni 2025, i-DMR yamkela i-EA. Oku kuthetha ukuba iShell inemvume yokuqalisa uphando lwemigodi yerhasi neoyile ngaselwandle lweNtshona yeMzantsi Afrika kwi-NCUD Block. Esi sigqibo senziwe ngokweMithetho kaRhulumente ejongene nokulawulwa kwendalo esingqongileyo (NEMA). SJonga isinqumo apha: https://cdn.sanity.io/files/b0ecix6u/production/b6f9e552d470fba0acf4c72cb687b6b206cb7b4b.pdf

# UKUBA AWUVUYI NGESIGQIBO

## UNELUNGLELO LOKUBHENELA UKUBA AWUVUMI NESIGQIBO



UMthetho i-NEMA uvumela nawuphi na umntu ochaphazelekayo ukuba abhenele kwisigqibo esenziwe liSebe. Isibheno kufuneka singeniswe kwii-ofisi zeDFFE (Forestry, Fisheries and Environment) kungapheli iintsuku ezingama-20ukususela kumhla wokwaziswa ngesigqibo, oko kuthetha ukuba kufuneka singeniswe ngomhla we-29 Julayi 2025.

### *Isebenza Njani?*



- Kufuneka ubhaliswe njengoMchaphazelekayo (I&AP).
- Isibheno kufuneka singeniswe phakathi kweentsuku ezingama-20 ukusuka nge-9 Julayi 2025.
- Thumela isibheno ku:
  - Email yeDFFE: appeals@dffe.gov.za
  - Shell: SNU-NCUD@shell.com

**QAPHELA:**
**Isibheno asithunyelwa kwi-DMR, kodwa kwi-DFFE.**

### *ISIBHENO MASIBE NEZI NGCUKACHA:*



- Igama elipheleleyo, inombolo yeselfowuni, i-email, nedilesi yakho.
- Umxholo wesibheno: “Shell EA for NCUD”.
- Izizathu zokubhenela.
- Ubungqina: imifanekiso, uxwebhu, okanye uphando.
- Isicelo sokuba isigqibo siphinde sihlaziywe.
- Sayina uze ubeke umhla.
- Umzekelo wefom yokubhenela unokufumaneka apha:

https://www.dffe.gov.za/sites/default/files/docs/forms/appeals_form.doc

## *Usingenisa njani isibheno sakho*

- Isibheno sakho kufuneka sibekwe kwithempleyithi yesibheno kwaye singeniswe njenge xwebhu lika Microsoft Word.
- Ithempleythi yesibheno inemiqolo emihlanu kuphela, wamkelekile ukuba wongeze eminye imiqolo xa isibheno sakho siside.
- kuba ufumene isaziso (i-imeyile okanye i-sms esuka kwi-EAP) sokuba uShell ufumene isigunyaziso sokuphonononga okusingqongileyo, i-imeyile yakho kufuneka ibandakanye oku: "Ndifumene isaziso ngesigqibo ngo (faka umhla), ngoko ke esibheno ndisingenisa kwiintsuku ezingama-20. Okuqhotyoshelwe apha yikopi yesaziso kunye nogunyaziso lophononongo kokusingqungileyo. Andinazo izixhobo zokuthumela isibheno kuwo onke amaqela abandakanyekayo kunye nachaphazelekayo kwaye ndicela ukuba i-EAP ithumele isibheno kwi database ye-I&AP."
- Ukuba awusifumananga isaziso, i-imeyile yakho kufuneka ibandakanye eli oku: "Andikhange ndisifumane isaziso kodwa ndiye ndafumanisa ngesigqibo ngomhla (faka umhla), ke esi sibheno singeniswa kwiintsuku ezingama-20. Ndiqhoboshele ikopi yesigunyaziso sophononongo kokusingqungileyo. Andinazo izixhobo zokuthumela isibheno kuwo onke amaqela abandakanyekayo kunye nachaphazelekayo kwaye ndicela ukuba i-EAP ithumele isibheno kwi-database ye-I&AP".
- Khumbula, kufuneka uqhoboshele isigunyaziso sophononongo kokusingqongileyo kwi-imeyile yakho.

## *XA ISIBHENO SIPHUMELELE*

Isiphathamandla sezibheno seDFFE sineentsuku eziyi-50 ukuba ithathe isigqibo ngesibheno.

**Ewe:** Iprojekthi imiswa okanye kufuneka kuphinde kuphandwe

**Hayi:** Usenelungelo lokuya enkundleni

NgokweCandelo 47(7) le-NEMA, xa isibheno sifakiwe, iShell ayinakuba yaqhubekeka ide kufunyanwe isigqibo sokugqibela.

## UKHE WACINGA NGOKUBA...

**Isigqibo se-DMR kunye nezenzo zika Shell zingazi chaphazela njani iintlanzi, ezinye izilwanyana zaselwandle, kunye nengeniso-mali yoluntu, nje ngabalobi kunye nabo basebenza kwezokhenketho? Iyakuchaphazeleka njani inkcubeko, nelifa lemveli kunye noluntu lwaselunxwemeni? Ingaba le projekthi iyakucghaphazela ukufikeleleka kolwandle okanye iilwandle?**

## IZIPHUMO EZINOKUBA KHONA KWIINDALO ZASELWANDLE

*⋆Ezi mpembelelo ziphawulwe kwiingxelo zeengcali eziyinxalenye ye ngxelo engekaqukunjelwa ye-ESIA. Esi sisishwankathelo kwaye ke ayizizo zonke iimpembelelo ezichaziweyo apha.*

### IZIPHUMO KWIINDALO ZASELWANDLE

- Ingxolo engezantsi kolwandle inefuthe kwiintlanzi: inokubangela ukuba zihambe okanye zingabi nakuziva.
- Ingxolo inokonakalisa amalungu aphulaphayo eentlanzi, okanye ithintele unxibelelwano lwezixhobo zabo zokuzikhusela.
- Izinambuzane zaselwandle eziphakathi kwendawo yokugrumba ziquka iintlobo ezisengozini: iilethabheki, iiblue whales, iLoggerhead turtles, njl.
- Ukuphuphuma kweoyile kunokutshabalalisa indalo, kubangele ukufa kwezilwanyana, okanye kube nefuthe elide elibi kuqoqosho nokutya koluntu.



## IZIPHUMO KUBOMI BOMNTU

Abalobi abancinci (Small-Scale Fishers) baxhomekeke elwandle. Ukuphazamiseka:

- Kungabangela ukuba amahotele, iindawo zokutyela, kunye norhwebo oluxhomekeke kutyelelo lutshabalale.
- Iindleko zokuhamba kweekhephu zinganyuka ngenxa yokuhanjiswa ngaphandle kweendawo zokuloba.
- Ukuba ioyile iphumela elwandle, iindawo zokuloba zingavalwa ixesha elide, kungabikho msebenzi, kwaye ilahleko yemali ibe phezulu.

## IZIPHUMO KWIINKQUBO ZENKCUBEKO NELIFA

- Ulwandle luthathwa njengento ephilayo phakathi kweentsapho nezizukulwana zabantu bomthonyama.
- Iimpembelelo ziluvo olungcwele: ziphazamisa unxibelelwano namanina noosiyazi.
- Amanzi angcolileyo aphazamisa imisebenzi yempilo neyesintu.
- Ukugrumba kunokuphazamisa umhlaba othethwa njengendawo yokuphumla kwemiphefumlo yabaphantsi.

# KHETHA UKUBA NESANDLA – HLALA UNOLWAZI

Ungafumana wonke amaxwebhu eprojekthi kaShell ngokuvakashela iWebsite:

www.slrconsulting.com/afr/public-documents/shell-ncud

Okanye uthumele i-imeyile ku shell-

NCUD@slrconsulting.com

Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe okanye uncedo nokwenza isibheno, qhakamshelana no DFFE:

Izibheno zeDFFE:

Tel: 012 399 9000

Email: appeals@dffe.gov.za.